Bew'AL 136"

# 1 Million !!
# SIGNATURE CAMPAIGN

I United Democratic Front isekwe kophelileyo unyaka ngenyanga ka-August. Ngalo mhla isekwa ngawo phaya eKapa kwakudibene inkungu nelanga yabantu abakwisithuba sama 15 000. Namhlanje iUDF yingqungquthela yentlangano yemibutho engaphezulu kwamakhulu amathandathu. Le yimibutho yabantu ezilokishini efana ne GRACA, imihlangano yeecawa, iintlangano zabafazi, eyolutsha neemanyano zabasebenzi - zonke ezimanyano zihlangene phantsi kwe UDF ngeenjongo zokulwa inkqubo yocalu-calulo nobuhlanga.

Urhulumente wendlovu ose Pitoli wenza amaqhinga namaputalala angepi esithi imeko kubomi babantu iza kutshintsha. Umgaqo-siseko omtsha okhatsh wa yimithetho yomphathiswa kwezabamnyama izakuchaphazela thina sisonke kweli lizwe. Ubunyaniso boku buphuhliswa yinto yokuba abantu ezilokishini intliziyo zabo zizizibingi-bingi ziirente ezinyukileyo; abasebenzi bona bamkela iimali eziphantsi kakhulu; umthetho wokuhlala ngokweentlanga wona awucinywanga ( Group Areas Act); abanye bona abantu banxunguphele bajongene nokukhutswa, abanye sele bekhutshiwe ezindlwini zabo neendawo abahlala kuzo ngodlova. I UDF yasekwa ukuba ilwe lama nyathelo matsha karhulumente kuba akasayi kuze atshintshe aphucule nto ebomini bethu. La manyathelo ayakuthi anike amandla nobutyebi kubantu abaligcudwana abatsha, uninzi nenkumbula yabantu kweli lizwe baza kusala bengenazindlu zaneleyo nezisemekweni yokuhlalwa ngabantu, bangafumani misebenzi nagunya lokuziqqibela ngokwabo ikamva labo. Lumanyano namandla kuphela ethu sidibene angathi asikhuphe kule nkwa nenkwe sikuyo kweli lizwe.

IUDF IPHUME IPHULO LOKUQOKELELA IMISAYINO ESISIGIDI (ONE MILLION SIGNATURES) KUBANTU ABANENJONGO ZOKUMANYANA KULIWE OBU BUQHOPHOLOLO BORHULUMENTE KABOTHA. LE MISAYINO IYAKUTHI IBONISE IHLABATHI UKUTHI ABANTU BELI LIZWE ABAZIMISELE NAKANCINANE UKUYAMKELA INTLALO YOCALU-CALULO ETHELEKISA IINTLANGA ZELI LIZWE. NGOKUTHI SISAYINE SIYAKUBA NGOLO HLOBO SIBONISA UKUCHASANA KWETHU NOMGAQO-SISEKO OMTSHA KWAKUNYE NEMITHETHO EMITSHA KAKOORNHOF. OLU SAYINO LUYA KUTHI LUBONAKALISE UKUBA IUDF ITHETHA IZINTO EZIFUNWA NGABANTU, IMELE ABANTU. NGOKUSAYINA SIBONAKALISA INKXASO YETHU KWIMIBUTHO ELWELA IKAMVA ELIQAQAMBILEYO LOMZANTSI AFRIKA EMANYENEYO,ENGENABUHLANGA NEKHULULEKILEYO.

Qaphela: Amandla eUDF ekuphumezeni ezi njongo kumandla emibutho leyo yenza i UDF. *Masibambane ngezandla kwimibutho yethu. *Masibambisane ngezandla namawaka-waka abantu beli loMzantsi Afrika sisayine sikhaba intlalo yocalu-caculo. Eli phulo losayino liza kuvulwa ngokusesikweni apha eRhini kungekudala. Imibutho ngemibutho sele ihlangene iza kuqokelelo le misayino. Kuza kuphunywa kungenwa ezindlwini kuqokelelwa le misayino. Oku sele kuqalile kwindawo ezininzi kweli lizwe ngoku.
Sashiywa! Sashiywa! Sashiywa!
***** MASIYIKHABE INKQUBO YOCALU-CALULO***********************
***** PHAMBILI KUMZABALAZO WOMZANTSI AFRIKA ONGENABUHLANGA! **

# BHALA

## Ukhabe Ucalu-calulo

Thina bacinezelwa belilizwe, abasebenzi ezi factory, ezifama, emigodini, phantsi komhlaba. Sithi abavelisa obubunewu-newu kwezi dolophu, sisakha ezi ndlela kodwa yona imivuzo ayixolisi, ubuncwane belilizwe buxhomekeke ezandleni zethu.

Sithi: Phantsi nengcinezelo!

**BHALA! UMANYANO!**

Thina balahlelwa emaphandleni soxuthwe nomhlaba. Thina sifa yindlala ezimbacwini sisohluthwa amalungelo ethu, omdala nomncinci kodwa umZantsi Afrika sisizwe esinye sethu sonke.

Sithi: Phantsi nengcinezelo!

**BHALA! UMANYANO!**

Thini bahlali sikhonxwe ngumthetho ogunyaziwe libhunga labamnyama, sigxothelwa ezingqaqeni. Thina bachasene nemfundo yobukhoboka nokuba ngo ja-baas.

Sithi: Phantsi nengcinezelo!

**BHALA! UMANYANO!**

Makhosikazi, enifumana ubunzima amaxabiso okutya, indawo zokuhlala, nempahla, bomama nentombi, basebenzi, nabasekhaya nabasebenza ichars. Thina bathwele ikamva lelilizwe emagxeni ethu, nje ngabasebenzi. Sibona ikamva labantwana bethu lisimka ngokwephupha.

Sithi: Phantsi nengcinezelo!

**BHALA! UMANYANO!**

Lutsha, nina ninxanelwe inkululeko nemfundo, kodwa nigcinwe ebumnyameni. Nina nilwela uxolo nijongene nokungabikho kwemisebenzi, ubuhlwempu unyanzeliso lwabantwana belilizwe kwikampu zamajoni engcinezelo. Lutsha nina nizimisele ukumfi-mfitha ubuncwane belilizwe kwixa elizayo obu nibakha ngoku nilungiselela ingomso.

Sithi: Phantsi nengcinezelo!

**BHALA! UMANYANO!**

Ma-Afrika amnyama namhlophe, zonke intlanga zeli nowaluphi na ulwimi, Thina sithanda isizwe sethu, sithi asilufuni ucalu-calulo kuba luyasohlula.

Sithi: Phantsi nengcinezelo!

**BHALA! UMANYANO!**

Kububanzi bomhlaba ukusuka kwiGqili emantla ukuya kuma ngeKapa Kumazantsi, empumalanga ukuya entshona,ezidolophini nasemaphandleni ezinkomponi kulo lonke, shumayela kwihlabathi liphela, ngazwinye.

Sithi: Phantsi nengcinezelo!

**BHALA! UMANYANO!**

IKHUTSHWA YI GRAHAMSTOWN UDF AD HOC COMMITTEE.

# 1 Million !!



# SIGNATURE CAMPAIGN

The United Democratic Front was started in August last year. More than 1500 people attended the launching in Cape Town. Today the U.D.F. brings together more than 600 organisations - civics, church groups, womens' groups, youth groups and trade unions. They have come together in the United Democratic Front to unite their members in the struggle against apartheid.

The Pretoria government has made plans which it says will improve our lives. The Koornhof Bills and the new constitution will effect everyone of us. But people in the townships will still face high rents, the factory workers are still paid low wages, coloured people still suffer under the Group Areas Act and many others are faced with removal from their homes. The U.D.F. was formed to fight the new plans because they change nothing. A few new faces will apppear in the rooms of the rich and powerful, but the majority of South Africans will remain without decent housing, jobs and a right to decide their future. The way to move forward is with the organised strengh of the people.

THE UNITED DEMOCRATIC FRONT HAS SET ITSELF THE TASK OF COLLECTING ONE MILLION SIGNATURES OF PEOPLE WHO ARE UNITED AGAINST BOTHA'S NEW PLANS. THE SIGNATURES WILL SHOW THE WORLD THAT SOUTH AFRICANS WILL NEVER ACCEPT APARTHEID. BY SIGNING WE WILL SHOW THAT WE REJECT THE NEW CONSTITUTION AND THE KOOORNHOF BILLS. THE MILLION SIGNATURE CAMPAIGN WILL SHOW THAT THE GOALS OF THE U.D.F. ARE THE POPULAR DEMANDS OF THE PEOPLE. THE SIGNATURES ARE A MARK OF OUR SUPPORT OF THE ORGANISATIONS WHICH AIM FOR A UNITED, NON-RACIAL DEMOCRATIC SOUTH AFRICA. THE U.D.F. IS ONLY AS STRONG AS THE ORGANISATIONS WHICH MAKE IT.

*********LET US STAND TOGETHER IN OUR ORGANISATIONS*************

*********LET US JOIN THOUSANDS OF SOUTH AFRICANS AND SIGN*******

In Grahamstown, the U.D.F. Signature Campaign will soon be launched. Different organisations have come together to collect signatures. There will mass meetings, and door to door collections of signatures. This is going on right around the country now.

**********************REJECT APARTHEID!!!************************

********FORWARD TO A NON-RACIAL, DEMOCRATIC SOUTH AFRICA********

# SIGN against Apartheid

Workers in factories, out on farms, miners deep under ground. We who build the cities, and tar roads, our pay packets are small, yet the wealth of this country is born in our hands.

We Say: No to Apartheid!

SIGN! UNITE!

People locked into bantustans, pushed off the land. We who are starving in resettlement camps, unemployed, rural people, contract labourers, old and young left behind, South Africa is one country, it belongs to us all.

We Say: No to Apartheid!

SIGN! UNITE!

Communities ripped up by Group Areas, pushed out into ghettoes. We who reject gutter education, ja-baas leaders, second class rights and second rate deals,

We say: No to Apartheid!

SIGN! UNITE!

Women, who struggle to find food, shelter and clothing. Mothers, sisters, domestics, workers for bosses and keepers of homes, two jobs a day. We who carry the future wrapped to our backs, who watch how our dreams for our children get shattered each hour.

We Say: No to Apartheid!

SIGN! UNITE!

Youth, who demand freedom to learn and are held in darkness. We who fight for peace, who face unemployment, poverty, forced call-up into the armies of oppression. We, the youth who tomorrow inherit only what we build from today.

We Say: No to Apartheid!

SIGN! UNITE!

South Africans, black and white, people from many traditions, speakers of different languages, we who have many pasts but one future, who love this country, reject the racism that tears it apart.

We Say: No to Apartheid!

SIGN! UNITE!

Throughout this wide land, from Limpopo up north, to Cape Town in the south, east across to the west, in towns, compounds, dorps, out in the countryside, let the whole world hear

**As One, We Say: No to Apartheid!**

**SIGN! UNITE!**

ISSUED BY GRAHAMSTOWN UDF AD HOC COMMITTEE.

